

Imvo Zabantsundu

(NATIVE OPINION.)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, OCTOBER 9, 1890.

[No. 308

KING WILLIAMSTOWN ADVERTISEMENTS.

KING WILLIAMSTOWN ADVERTISEMENTS.

IXESHA LO MCHEBI!

Beauchamp, Booth & Co.

(EBIYEKA J. J. IRVINE & CO.)

Eyona venkile yengubo ezilungileyo, nezitshipu edolopini apa.

Ihempe zamadoda ezinamaqosha e perile 1/6 inye. Ibhulukwe ze stofu 3/, 5/ inye. Ibhathi zamadoda 5/, 6/9 inye. Ibhathi ze twidi emnyama 15/, 18/6 inye. Ibhulukwe ze kodi egwangqa ezilungileyo 7/6 inye. Iminqwazi yamadoda eyi Soft felt 1/9. 2/ umnye. Ityali zoboya 5/, 6/, 7/, 8/ inye. „ „ ezilunge kwayekwa 10/, 12/6,15/, 18/, 20/ inye- Iprinti (ezimabala), i pattern 6d., 7/d., 9d. iyadi. I Winzi zohlobo 6d. ngeyadi. Ikeleko 2/d., 3d., 4d., 5d., 6d. ngeyadi.

Ilokwe Zokutshata, Iminqwazi Yoku-tshata, YONKE Impahla Yoku-tshata.

BEAUCHAMP, BOOTH & CO.

E-QONCE, KING WILLIAMS TOWN.

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE no MARSH,
E Nyutawini nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcantcatweni.

GRAHAM'S TOWN ADVERTISEMENTS.

BON MARCHE

[Apo Kutengiswa impahla entle ngamanani angemakulu],

GRAHAM'S TOWN.

Saneke Ityali ezitshipu kanye, ifishini ezona zintsha, ziqala kwi 3/- inye, Ikaliiko Emhlope ne Brown, iqala 2/d. yd. Amicako etungelwa kwi Blanket, iqala 4/d. yd. Ezona Ntlobo zintsha ze Print, 3d., 4/d., ne 6d. yd. Iqiya ze Keshemiya. Ezimnyama nezamanye amabala 1/- inye, /blanket zoboya ziqala 51- inye. Amabhayi 21- lilinye; i Cotton Sheets 116 inye.

YONKE IMPAHLA YABATSHAKAZI!

I Dress zenziwa apa, ngezona ndlela zigqitiseleyo, yi Ledi esand' ukuvela e-England.

INGUBO ZAMADODA.

p IBHULUKWE ZE KODI, ziqala 5s. inye. IBHATHYI ZE KODI, ziqala 10s. inye. IBHULUKWE ZE STOFU (Tweed), ziqala 2s. lid. inye. IBHATHYI ZE STOFU, ziqala 6s. inye. ISUTI Emhlalayo umfana ifishini cntsha, 21s. IHEMPE, Is. inye.

kutenga apa ngokwalatiswa yi " Mvo " maze akuxele oko. Ukuba utenge ngexabiso eligqite kwi ponti enye (1)uyakubuye ayinikwe ishelent ngeponti nganye.

JOHN W. BAYES & CO.,

Kwi Kona ye Bathurst Street ne Church Square,

GRAHAM'S TOWN.

EKA GRAY
Incindi Epitikeziweyo

LINSEED NE HOREHOUND,

LelonaYeza le NKOHLOKOHLA INGQELE, nazo zonke Izikuhlancezo MQALA ne MIPUNGA.

1/6 NGBHOTILE.

2/- LITUNYELWE NGE POSI.

Ngamanani Nanganye kwa
P. GRAY, Chemist and Druggist,

CAMBRIDGE ROAD,
KING WILLIAMS TOWN.

ABATSHATILEYO.

GOAMLANA-BESTE. — E St. Paul's vi

Church, Bethel Mission, Statterheim, ngo 26th August, 1890, nga Rev. W. Beste, kutshatiswe u MARTIN LUTHER GOAMLANA, wase Fort Beaufort, unyana omkila ka Philip Gqamlana wase Gwaba, East London, no CORNELIA ALBERTINA BESTS. Waqutywa kakuhle wona umsebenzi. Wabhekisa amazwi amafupi Umfundisi esiyalo, (kwinowadi ka Jude, verse 2).

ABAZELWEYO.

NGCAKU—Ngo 3rd October, 1890, e Mgwali, a MRS. JATTA J. NGCAKU ubeleke Inkwenkwe. 2itl610 J

IMIBIKO.

ZAZELA.—Kubhubhe e Tyinira nge 16th September, 1890, ngo 2 o'clock, pambi kwenkuku zokuqala, u ELIZABETH XALA ZAZELA, Intombi yake enkulu. Izihlobo mazamkele lombiko.—“ Upumle.” 3t910

AB ALAHLEKELWEYO.

UMKHOSIWAMASASHE.

KULAHLEKE e Dutywa, ngo September - 10, 1890.
1. Imazi egwangqakazi ; enekolo enkulu ebunzi; npawu, iyoqwe kwindlebe yase kohlo; inamacoko amhlope emzimbeni.
2. Inkunzi engwevu emdaka ; itshoba limhlope encamini ; ubuso bungwevu-mhlo-pe, angati umnta xa akude bumhlope; liyoqwe kwakwindlebe yokohlo. Iminyaka yalo mitatu likowesine ngoku.
Olandisayo wobhalela ku Peter Qwela, Pirie, Kingwilliamstown. 2t910 I

SELOKO e Qonce kwalahleka ngo Mvulo, 29 September, UMSESANE omkulu one DAYIMANI. Ubani owafumeneyo wawutumela ku Mr. William Wells, IMVO Office, uyakuvuzwa kanobom. Im 3t3U2

Ikaya Labantsundu,
KIMBERLEY.

NDIYAWAZISA umzi wakowetu ose Koloni, Natal, nase Transvaal okoku. ba sivule " IKAYA LABANTSUNDU " e Malay Camp, Rose Street. Umntu unoku. xaswa ngazo zonke izinto. Abahambi banokancediswa nange Pass.

JAMES QWABE,
Proprietor.

Kimberley,
27th September, 1890. t2711

IPONTI iyakunikwa u Hans ukuba uya kubuyisela kwa Messrs. A. J. CROSS and Co., kwibala le Marike, Kingwilliamstown, ISEYILE eyalayishwa enqweleni yake ngemposiso. 2t910 F. MOOLMAN.

CH. FRIEDRICHS,

(YEMA NGO 1858),
UHLALA ENAYO ININZI

Impahla Etengisayo,

NIENGO Ziswekile-kofu, njalo-njalo, Impahla Yendlu. Ingubo, Ubuqeleqele, Eye gilasi, Into zokudlala intsapo, njalo-njalo.

IMBEWU zika SUTTON zezityalo Zegadi.

Umnyhadhala we Bhola.

LOMDLALO umiselwe i Holide ze Krismesi ne Nibidyala (1890.91). Imizi evumileyo neyakudlala yile :—1. Port Elizabeth, 2. King Williamstown, 3. Kimberley, and 4. Grahamstown. Kutenjwa ukuqalwa ngo December 36 or 27.

J. W. GAWLER, I Chairman of Committee.
Port Elizabeth,
September 22nd, 1890. 2tl09

DYER-DYER

EQONCE, KINGWILLIAMSTOWN.

Bafikelwa yinto eninzi yempahla ukongezelela kwebihleli iko.

INGUBO EZINTSHA, ZABANTSUNDU KANYE,

(Ngo Stemele bonke).

QONDANI:—Zitshipu Ngakumbi

Ihempe zamadoda zokusebenza ziqalela kwi Is. Ihempe zamadoda zangapantsi ziqalela kwi Is. 3d. Isuti zezitofu ezinzinza ziqalela kwi 17s. 6d.

Ibhathi zezitofu ezinzinza ziq alela kwi 9s. Ibhulukwe zezitofu ezinzinza ziqalela kwi Is. londulubhathi zekodi ZITSHIPU 2s. 9d. Ezamadoda Ibhathi Zokwaleka Ezinzinza 8/-.

„ „ I-Ondulubhathi ze-Lakani, 1/6.
„ I-Bhulukwe „ 2/-
„ I-Bhathi „ 2/- and 3/6.

Isuti, Ibhathi, ne Bhulukwe ze Diagonal Emnyama.

Isuti Zokutshata zipelele 38/6.

Iminqwazi emitsha, Izihlangu, Ibhathi Ezinkulu, Amaqhina, Izikafu, Ika- lala, Iblankete Nezibhalala, njalo- njalo.

Indulubhathi zezitofu 1/6.

Idyasi zemvula 8/6.

Ibhulukwe Eziluhlaza 2/.

DYER NO DYER,

KING WILLIAMS TOWN.

UFUNA

UFUNA elona xabiso lilungilevo nge NQHOLOWA,

UMBONA, AMAZIMBA, nokuba ZITAPI- LE Ufuna IMBEWU ELUNGILEYO yokuhlwayela.

Ufuna owona MGUBO, nokuba zinkozo ezilungileyo zokutya.

Ufuna IMPAHLA yako ngentengiso nokutenga e Marikeni

TUMELA okanye UYE

GILBERT FOX AND SON,

MARKET SQUARE,

KING WILLIAMS TOWN.

TRANSKEI ADVERTISEMENTS.

BANTSUNDU! BANTSUNDU!

U GRUBB wase GCUWA

UYANI-BHOTISA.

KE ngoko abati ufudukile bano lwimi. Abatandabuzayo mabeze kuzibonela ngawabo amehlo. Abanemilanga mabeze kanyangwa ngomoliiza wake, bayakavuyiswa kukumbona. Lingani amayeza ake ezikahlane zonke—Ayazeka.

MABUPELE UBUNCOKO.

Kanize nje, nizekubona impahla ha GRUBB. Ilokwe zokutshata i Ready Made neziyimicako. Ilokwe zokutshintsha—i Printi, i Kaliko, i Zihlangu (ezizitende zic'opileyo) Intlotyana zonke zempahla yokutshata, nezokunxiba nje kodwa.

Eyamadoda—Onzonza, ne Bhatyi, i Suti, i Hempe, i Minqwazi, i Bhatyi zokwaleka, Nentlobo zonke ze ngubo zamadoda (ezo kutshata nokuhombaj. I Kofu, i Swekile, i Ti, ne nto yonke. Kwanempahla yaba Bhexeshi. ELORUQOSHELISA.—Ungawalibali amayeza ake, aselenqhiniwe ukuba angawo.

T. E. GRUBB,

42111 BUTTERWORTH.

UMPATISWA E TRANSEKI.

Wangena ngolwesi-Hlanu, 26 Sept., u Hon. P. H. Faure e Gcuwa, wamkelwa ngumzi kwamanyana nekaya koku negubu lakwa Captain Veldman. Kutikiwe emzini kusondezwe Inkosi u Feni ngama Ngqika aka Centani, ete yabhekisa into anga zingabhekiswa ania Ngqika. Uqale ngomteto we Bhula ate bawufuna umisive kwelo, abanga u Rulumeni angabancedisa ngendawo zokudipa. Enye into kukungavunyelwa kwezihlobo zabo ezise Koloni ukuba zifudukelwe kubu ngapandle kwemvume ka Rulumeni. Evesitatu ulete ngokurafiswa kwezi alam ezingabahlolokazi. Kwakona ama Ngqika anga angamazisa u Rulumeni ngokuyinana kokuma kwawo kwa Centani. Ungenise nento yokuba yabanjanyo imali yezibonda. Ukankanye icebo lokucitwa kwe ofisi ye Chief Magistrate ati ubanzi kunene umti abataVo, uyifanele i Chief Magistrate yawo kodwa.

Enye Inkosana yakwa Ngqika itete ngobusela bempahla esiwa ema Mpondweni kwanzegzikolo ukuba zivalwa bakuncipa abantwana.

U Hon. P. H. Faure upendule waqala ngokumcoma ukulunga komteto we Bhula ate uya kulunga ukuba kubeko indawo yokudipa kumzi ngamnye wemantyi ukuba incito ayikugqita enanini. Ngokupatelele ekubeni zingavunyelwe ukuba zifudukelwe kubu izihlobo zabo ezise Koloni, lonto ayingicinelani nesikalazo sakuba umzi uswele umhlaba—ukandansene. Usikwa yimfesanengxenokuba izialam zarafiswa, kodwa ueiuga ukuba yinto enokuyekela komantyi leyo ukuba bayilungise. Uqinisekile ukuba Imantyi azingecinezeli abantu abangenako ukubhatala ngenxenentswelo. Uvakalise ukuba le Palamente ibihleli igqibe kwelokuba zihlulwe izibonda. Ute uyavuyiswa kukuva ukuba bayixabisile imfundo. Um be to we Koloni kukuba kungancediswa zikolo zibantwana bangapantsi kwe 25. Abantu mabadibane ekumiseni izikolo mabangazimisi ngamakwele kwindawo ezilungeleleneyo kuba ngoko bayaposwa luncedo luka Rulumeni. Ngokupatelele kwi ofisi ye Chief Magistrate ute uyavuyiswa kukuva ukuba bebelokisekile ngu Captain Blyth. Unga angeva into abayingayo ngokuba kumiswe i Chief Magistrate enye eyakupata ibandakanye nela Batembu nelase Mbo, eyakuti imane iyihambela imizi. Ute mabake baye kuyicenga lonto babuye bamxelele. Muzwana bakubon' ukuba bahhungenge abantsundu Inkosi u Feni ibuye neliti ukuba kumiswe yanye i Chief Magistrate eyakumane ihamba, lonto ayikuba nainani kunokuba bangabi sabi nayo kanye. I Chief Magistrate ibingati yakuba ngu ngoxi kwindawo enye ibe yeyesosizwe kanti ayinakubangwa bani ingenasigxina.

Ernva kwentlanganiso ya Bantsundu ukumka komhla kwalomisi kubeko intlanganiso yabamhlope no Mpatiusa yonganyelwa ngu Rev. W. J. Hacker ocele u Mr. Henley ukuba abhekise indawo abebengabangazibhekisa abamhlope Lomnzmzana uqale ngu Meinb' we Chief Magistrate ate mayelana nolwaka luka Mr. Faure aluwise kweyaba Nisundu, bona bamhlope ababoni ukuba Hya kusebenza icebo le Chief Magistrate ejikelayo, baye bemele eyela na Mfengu yodwa engati ezise Gcuwa i-ofisi yayo.

U Hon. P. H. Faure ute u Rulumeni akakabi nanto selegibe kuyo mayelana nokupelisa kwe Chief Magistrate. Bonke apete nabo bakulowo lokuba ipelise. Okwesake isiqu ubengekagqibi ntweni, viyo lonto aze ngesiqu pakati kwabantu ukuza kuva ezabo izimvo ngalomcimbi. Woti akubuyela e Kapa ayibhunge lento nabanye abapatiswa, azokutwete ngu Mr. Henley akubeka pambi kwabo. Ukuba u Rulumeni ugqibe kwelokuba angayichini i ofisi, kakade iyakufudusela e Gcuwa. I Chief Magistrate asimntu kungangelwe kuye kakulu ukutweta kwamatyla; ingumlozo nendlebe ka Rulumeni. Ukuba kungumqweno wabantu i Palamente ayilungiselela into yokuba kubhenlewe Kumatyla Amakulu e Kapa ukusuka kwi Chief Magistrate.

Into yesibini ayingenisileyo u Mr. Henley ngu Mtoe we Bhula ate u Mpatiusa okwangoku lomcimbi usesandleni se Chief Magistrate, angasakwenza nto u Rulumeni engabhunganga nabantu.

Evesitatu into ayingenisileyo u Mr. Henley ngumhlaba olipandle le Butterworth ate te ngefam ezimbini ekwakutwete zingaba lipandle, kodwa abangazange i bazinikwe. Abati mabazinkwe namhla. i U Mr. Faure upendule ngeliti akangi angenza amadinga angasakuwafenza. Into leyo woyibhekisa ku Mpatiusa—Mihlaba esemandleni ake. Okwesake isiqu uyayibona imfuneko yokuba idolopu yase Gcuwa ibe nepandle, waye yaba kubazamela.

Ungenise umcimbi wefama ezise Qora u Mr. Henley ate kufuneka zitengiswe kwabamhlope, baye betemba ukuba wobazamela u Mr. Faure. Yena ute lomcimbi ute wabambezeleka kwi ofisi yoyintloko yo Nocanda, ayakuvuya yena u Rulumeni ukufumana imali ye Rente ngazo.

Bakubona ukuba batete ngokuntshiswa kwe Rente ze eref ate u Mr. Faure mabatumete umtandazo e Palamente; kungeniswe ukusweleka kwezakwizo za- komkulu ate mabayenigise kwi Chief Magistrate into leyo kuqala. Kungenwe nakwinto yokwahlulwa kwabaneqela emzini ate u Mr. Faure seyilungiselelwa into leyo.

U Mr. Henley ungenise umcimbi wokunikwa kwevenkile itafile zezi za- kungako indawo ekayako okunikeni i Tafile kumhlaba wama Mfengu kuba unayo itafile yayo kakade, kodwa lengxakeko ayiko kwimimandla ye Dutsywa, u Gatyaua no Centani. Ivenkile zifana iziqiniso kuba ngoko izakwizo zo zingenaxabiso.

U Mr. Faure ute uyayibona ingxakeko mayelana nevenkile ezise Fingoland.

Ivabonakala imfuneko yeziqiniso kwivenkile waye eya kwenza anako kulo mcimbi. Uyakuke awukangelele ukuba naye awuqonde lomcimbi, kodwa akangi angenza amadinga ekunganzima ukuba awafenze.

Kungeniswe icebo lokongezelelwa kwabameli e Palamente, ate u Mr. Faure lowomcimbi uya kulinda ukuba kude kugqitywe ukubalwa kwabantu nento zabo ngo 1891.

Babulela yaba ivapela intlanganiso. Ngenini eandelayo Umpatiswa ube nentlanganiso nemp yelama Mfengu e Blythwood engxelo singenasituba sayo kwelanamhla.

EZABA BHALELI.

IZWI NGONYULO.

NKOSI MHLELI.—Ndifuna ukukhumbuzwa umzi wakowetu. ndikunjuzwa ngamanaku abonakele kwele 14 kwefeyo ngouyulo lwendlu epuzulu. Ndiiti nam, mawetu kungafaneleka kubeluncedo eluhlangeni naselizweni xa angati amadoda akokela umzi acockise, abonisane ngobuhlobo novelano ngawona madoda afanele ukuvotvelwa ngumzi wakowawo. Ntozakowetu! yazi ukuba lomzi wakowenu niwumele pambi kwamehlo ainaninzi, napambi ko Mdali wawo. Ukuba yinyaniso ukuba kuko ukugosiswa, manibe nisyakuzwe nimeke ngxelo yobugosa benu, kan jalo amagama emi ayakuba semabalini elilizwe nje- ngabokheli bohlanga, bokuqala embusweni wasema Ngesini. Ke udinibongoza ngomxelo wouke ukuba nicinge, nitete, nibonisane, nikete ngezimvo ezihlambulukifeyo—nikangele abafu abanqhinelwayo ukuba bazizo izihlobo zomzi zobulungisa neuyanisyo ugamaxhisa onke, bengakokelwa nalibala newonga likabani. Waya ngapina u Mr. W. Rogers wase Glen Cairn, bafu bakowetu? Nokuba kuhla ngayipina indlela zeni- ngamibali lowo mfo. Umeninyaka emininzi esaziwa eqwalaselwe ngamawetu, nazizihlobo zenyaniso. Isigqibo sesokuba ababaninzi abanjengaye—usiliflolo ngasese nasekuhleni kontsundu. Nitini ntozakowetu? Ntozo Nukuna, Pelem, Jabavu, Uinlialla, Rubusana, Mtombeni, Kota, Sondo, Tunyiswa, Renqa, Mabe, Tantsi, Gulwa, Kawa? Mlingeni lomfo bafondini! uyaziwa.—Owako.

WASE-MPUMALANGA.

ITITSHALA EKWEZELEWAYO.

NKOSI MHLELI.— Ndivumele nam ndenze abemalwa, ndipendule into entlakantlaka yo titshala wase Malay Camp. Isalala yona inxenye kuti bantsundu esati ukuxoxa nokupendula epepeni iyishiyi imbeko, intobeko nokuzola entetweni, iselusika ngokutyabeka amabala amabi kwabanye, igibisele ngenzingilikhla zamazwi apuma kuma- gila azele izigquru zomzindo, into ehang' okukungevani ngakumbi, mna ndingomye onzavani nokuxoxa okunjalo. U Mr. Mayeza amayeza ake akandinyanganya ukuba nditi cwaka kwinteto yake embi, ngoko ke wondixolela please. Mr. Mhleli ngenetwana endana. Elinene lilitabate inqaku lam (see Imvo 14th August) ngomoya wesimilo sepapu lebhokwe ngokwenjenjalo lisoyikisela isiuiulo salo (ukuba alisitembanga) endingacukumisanga ne falintyi kuso kwinqaku endalenzayo mna. Ndingasokupika nenteto yelinene kodwa ndivuyiswa kukulixolela ukuba liyandazi—ukuba andizange kanjalo ndingenawo umoya ombi, izilandu/amarixi namakwele nto ngakulo, lifumane lishwaga nje into zalo, okunkona bendingade ndibenazo ezizinto kungoku lenjenje ukuteta ngam, okanye lizibonise ukuba ngeneteto yalo lilandela kanye eliqhlo liti, "An empty vessel makes more noise," kuba yonke le "debris" liyititwile ingeux' enezwi linye—ukudakumbi" qha. Kwoku! asimfo inchwangu!! Elinene alanelanga kukundilavula nje, koko ligqite layala no Mhleli. I hita mangokubekeka kwepepa elingankanga imbeko kulo lona (elinene) ngokwalo. Inteto yale jentimani? andidakumbanga? yijo mna kuba ndiqonda ukuba lipungtula i "steam" esi belingenatuba lakusikupa kuba iyokuti gqobho gqi seva seliteta ngeudlavini zalo zomqomboti ezingabuzwana bani, esingenanto nazo tina, malikulmkele ukuteta okunjalo. Kodwa ke u "P. M." ne "P. M." belingana nje, oko kukuti "Philip Mayeza" and a "Prejudiced Mau" are equal ngokutsho kwake, kanti ke into eyazekayo, amakayipale nomzalwana—ukuba akayazi—kukuba emlungweni ama amadoda apatiswe imcimbi, nemisebenzi yomzi, amagama awo ahlahle epambi komzi (nase mapepeni) kuxoxwa, kusalatala indawo ndawana ngengubo yawo nangubani ongebhetele kunam (ngabula yena), neshitshala zikwa koluddi nazo, ngoko asiyazi tina into yokuti sakwalata isotyana elinciuane kutitshala abe selejika esihlabanisela ngamabhunguza enteto encholisayo, okanye tina asitintelekile ukwalata nto ngalo lonke ixesha umzalwane asapete umsebenzi wozini ukufundisa usapote olu lwenzelwe kaulo umzalwane makafume ndlela yimbi ukupendula into kuba ngomso kobhala owopendula njengaye kuba kusa kusihlwa—gqibi ke Undxolele tozo Mhleli ndutyutwile ndingazeni, ndihlanganisa imigxoko yotitshala wetu. Ndim owako njalo-njalo. DUYIMANI.

Kimberley, Sept. 22 nd, 1890.

NGE TAPOLISI.—Malunga nomzi wase Tapolisi (Theopolis), ndibuzwa ukuba bapina abafundisi abangake bavelele lomwzi. I-Tapolisi yaye ibingumzi wesikolo sama Lawn ngapambi kwe- mfazwe ka Mlanjeni, ate ke Amalawu alwa no Rulumente, watshatyalaliswa ke lomwzi. Ute ke lowo mhlaba wama ukuqeshiswa ngu Rulumente ku- mafama iminyaka ngeminyaka, kude kube namhlanga. Kute ke ngeshxa u Rev. W. Oates ebese Alexandria Ennyamneni, wanyulwa ukuba amane ukuvuvela lelowmzi, ukwenzile oko iminyaka engeinimnzi, kwabonakala efuduka Ennyamneni ebheka e Somerset East. Kunyulwa u Rev. J. A. Chalmers owabhubhayo, ukuba amane ukuku- velela, ukwenzile oko iminyaka ambalwa wabuhba. Indawo endite ndazipaula ngeshxa umti ubepetwe ngumti lowo u Chalmers, kukunononela kwawo ngabandla lomfi lowo abamhlope e Rini. Inqokazi enkulu u Mrs. Wright ngapambi kokuba ibhubhe, ibhasele lomwzi ngezitya ezihle ku nene zontendeleko, izeze xabiso elipakamileyo. Elinye inene elikulu ngapambi kokuba libhubhe u Rev. Templeton ubhasele lomwzi i (clock) intsimbi yamaxesha einva kokuba umti u Mr. Chalmers ebhubhile, kulile ibhugane ukuba kungeko oke awuvelile ngapando ko Rev. S. J. Helm, oke waya kanye. Ipina indoda engavelele lomwzi ixcele u Rev. W. Rubusana o'celele i Manti wade waka ityalike? Nipina bantu abamele i Tapolisi ngingalenzi mgudu-nje lihambe lizwi lika Tixo kumaqaba amele elo Uxolo Mhleli ngokulixina ipepa lamanene, ndisicakaka sako esitobekileyo.—M.

Ibala Labadlali.

Kaloku liyangena ihlobo buyadlula ubusika nemidlalo yabo, noko asingeti bunemidlalo kwabantsundu, kuba ibhola yenyawo, abayingene nangonyawo. Noko ama Bhasitile ase Bhayi aka azakudlala nawase Rini kulenyanga ifileyo, inkolo yetu yeyokuba uyakupelela apo. Oko sayibona sayibonisa nje ngomnyadala wayo apa kutshisa nje—Hayi mntaka bawo, abantsundu bona besizizukulwana ayisokuzwe ibe ngumdlalo wabo.

Tina siqonda ukuba yi cricket le umdlalo wetu. Kwintelnta e Africa isizwe esitile site sakuyingcamla i cricket sati ukuyitanda oku sancamisa, sasasipokela kuba ama 400 nama 500 akuyonto ukwahlulelwana kudlalwe i bhola, ukutya kungatyiwa lomni, kwabonakala kukazufiswa yindlala kuba amadoda akasalimi, alibela yibhola, yada inkosi yabo yenza umteto wokuba ingadlalwa ibhola kulo lonke elayo. Wati omnye umfo kwalapa mhlana wadlala nati, "yimile! Bafondini!! Hlelwenje nngasixeleli nje, lento inje ukuba mmandi?" Tina. "Ihi-ih'i, yibalugxiba kuyo apo, asiyonemfanekelo."

Siva ukuba amnyadala uyakuba se Bhayi nonyaka-nje. Kuyakudibana kona i Rini ne Kimberley ne Qonce ne Bhayi ke. Asikuko nokuba lomlamba i Bhayi ude wayenza into elungileyo ngokuba uzikube izimemo ngeshxa kangaka, kubonakala ukuba yi Ndlovu okunene. Lingaba lenza into elungileyo yokuba libeke ipini (champion bat) ekuyakudlalwela lona njenge tournament zabelungu.

E Qonce lixishini ukulungiselela lo mnyadala, bekuko i Timiti ngolwesi Hlanu, yonganyelwe ngu Mr. Ganya, yokufumana imali yehambo, yaxhaswa kamandi ngumtanjana walapa, esingazanga sawubona usenjenje. Siyawabulela amanene ate asipa izandla. Sobuye siwakankanye akukabi pi. * * *

Sibona ukuba indawo yokwamkelwa kwabadlali (cricketers) bapeshaya bepetwe ngu Lillywhite, ayamkelwa ngo yinxenye yamaziko amakulu ebhola kwabamhlope. Ngako oko akubonakali ukuba bayakuzo nonyaka-nje, kodwa kobako umnyadala e Cape Town. Siyavuya tina kunjalo nje, kuba kokona owetu umdlalo e Bhayi ungasakupazanyiswa luto. * * *

Sifumene lencwadi kum'bhaleli wetu: — Kimberley, August 18, 1890. The Editor IMVO ZABANTSUNDU, King Wins. Town.—Ndifuna ukupendula indawana ebonakele kumacapa nge Kimberley, kwi Mvo ye 14 August, um 'bhaleli uti, "Besiba i Tournament ibizelwa apa yi 'Postal Telegraph c.c.', yalapa, koko ngati ibhangile lonto ingavakalanga nento etetwa ngamanye amabutu ebhola, koko kusuke kwetapu incwadi evela kwi club yase Bhayi ibizela i 'Postal Telegraph c.c.' kwi Tournament ekona. Imbangi yokungamkelya kwe tournament ebizelwa apa asiyazi izizatu aziva- kaliswanga, etc."—Lom'bhaleli ubhale naye into angayaziyo, ngekubhetele kuye ukuba ubhete pambi kokuba abhale ake abuze kumalung ebhola ukubamba kwezinto angafumane abhale into yobucopo baka angenako naye nokuyinghina into engakanga'yenzeke. Uzibonisa ubudenge nokungaqondi kwake ngeuto zebhola. Mandimxelele lom'bhaleli ngokumhlope ukuba i 'Native Postal Telegraph c.c.', ayibizanga tournament ukuba mayize apa nonyaka-nje. Into eyenziwano kwabahlwa incwadi ibhe- kiswa kwi club ezibalulekileyo zase Koloni, ibuzo okokuba i tournament iyakuba pina nonyaka? Baza i Bhayi lati liyayifuna ukuba ibe kona, labhala nencwadi yokumema i Kimberley yonke ingeyiyo i 'Native Postal Telegraph c.c.', yodwa njengoko atshoyo yena lom' bha- leli, ubamba under a "nom de plume." Esako isicaka.—S. CAWOOD NANO, Acting Secretary, Kimberley Native Team.

Sivuyile ukuba (officially) kubanini ndaba e Bhayi ngezaziso indawo ezibizelwe ukulhangana kona. Infact ibinqweneleka yonke ingxelo emalunga ne cricket tournament.

IJAJI E CRADOCK.—Ubehleli ngo 30 September, apa u Judge Cole.—*Jacobus Stoffel Botha*, Ibhulu, ngobusela bebho- kwe 16 kubantu ngabantu. Ebusizwe ute unomfazi nesitoba sabantwana. Isigwebo 18 inyanga.—*Markus*, ngokugqobhoza ebe e Maraisburg. Wabeka wasentanjani ngapainbali. Iminyaka 2.—*Tom Smit*, ngenzoko kumfazi wake, abem- beta pofu kungavakali siposo abesenzile. Umnyaka 1.—*Tim Nyeza*, ngokubeta u Joseph Kota. Umnyaka 1. Yaba iyagqiba.

IJAJI E ALIHAL NORTH.—U Mr. Justice Maasdorp ehleli apa ngo 29 September, ibe ngu Mr. Williamson ele Nkosazana. U *Mkuwane*, wase Herschel, ngokudliwe ngula ufunyenwe engenatyala.—*Marone* wakwakona ngoduma udlwe £5 okanye inyanga 3.—*Ngantweni* wase Eady Frere ngokubulala usakwabo mtazi e Barkly East ngo October, 1885. Ugwetyelwe ukuxhonywa.—*Jl. F. Bezuidenhout* ngokubulala (kungengabom) u Thomas Nixon e Barkly East awamxabela ngomhlabulo entloko wafa lelonzaba. Umelwe ngu Mr. Sampson. Ibhungile i Jury ibuye neliti ayivumelani. Yaku- lulwa. Kubuye kwanyulwa enye latetwa okwesibini. Ibuye nayo ayavumelana. Yakululwa; kwangoknkwanjalo nombanjwa.—Ibhulu eling *Matthys J. Grweinstein* ngobusela benkomo ezimbini zefama u S. R. Smit e Barely East. Umelwe ngu Mr. Sampson, wafunyanwa enetyala. Isigwebo: Unyana.—*William Smit*, imeslane, ngojuba e Barkly East ihashe lika H. J. Venter. Ufinyenwe enetyala. Isigwebo: Unyana.—*John Msutu* ngofucugqobhoza ivenkile yo Webster Bros, e Alvani. Isigwebo: 18 inyanga.—*Solomon, Tshetu*, no *Mbetshele* ngenduma. U Tshetu no Solomon batululwe; u Mbetshele ugwetyelwe £15 okanye inyanga 6.—*Tsembeyi Pilaftjes* ngobudlwangu. Ulivumile ityala. Iminyaka 2. Yaba iyawagqiba amatyala.

ABALIMI NA BARWEBI.

Amaxabiso kweyase Somerset East i Marike ngo 80 September, ayemi ngolu hlobo :—Umgubona /3 ngenxoxwa; umbona 12/ to 14/ ngenxoxwa; irasi 10/ to 12/9 ngenxoxwa; isemile 4/ to 5/3 ngenxoxwa; ibhotolo 2/ to 2/10; ihabile 7/6 to 10/6 ngekula; amaqanda 7d to 9d; itapile 12/ to 15/ ngenxoxwa; inkuni 5/ to 20/ ngefllara; imbotji 8/ to 12/ ngekula.

E QONCE, (Oct. 4.)

Amaqanda—4d to 8d ngedazini Amatanga—2/6 to 4/ ngedazini Irasi eluhlaza,—1/4 to 2/ ngekula Ihabile—2/3 to 5/6 ngekula Itapile—3/3 to 11/3 ngekulu Umbona—3/5 to 4/ ngekula Amazimba—3/4 to 3/6 ngekula Imbotyi,—9/ to 10/9 ngekula Inkuni 6/ to 34/ ngefllara

E KOMANI (Oct. 4.)

Inqholowa—12/ ngekula Ihabile—6/3 ngekula Umgubo—15/ ngenxhova 6/ ngenxhova Umbona—7/ ngenxhova Isemile—4/9 ngenxhova Amaqanda—1/ ngedazini Amatanga—3/ ngedazini

E RINI (Oct. 4.)

Inkuni—13/ to 35/ ngefllara Amaqanda—7/d to 12/d ngedazini Ihabile—2/ to 5/6 ngekulu Itapile—12/9 to 14/6 ngekulu

IJAJI E DODOLORO.—Ihleli ngolwesi- Hlanu lwequtifeyo, (3 October), apa ele Nkosazana ingu Mr. Williamson. Libe lilinye ityala lika *Booi*, ngokukupa iliso lika Zwaartbooi wase Waschbaak ulivumile ityala esiti yingozi. Isigwebo £5 okanye inyanga ezintatu. Oku kutabate iminiti 15.

Native Opinion

THURSDAY, OCTOBER 9, 1890.

THE interviews that the Secretary for Native Affairs has so far had with different classes in the Transkei seem to be of a very satisfactory character. Mr. FAURE is rapidly winning for himself golden opinions by his suavity and sweet simplicity of manner; and we admire the determination he is showing to arrive at the real feeling of the people, by giving them every latitude of laying before him their grievances—be they fancied or be they real—and then sympathetically, and, from our point of view, in a common-sense way, to deal with all they may have said. The first meeting he had with the Natives took place at Butterworth on the 26th September, and would appear to have been specially arranged for the Ama-Ngqika tribes residing in the Centani district. These people do not seem to have many complaints, if we are to judge by what was said by their chosen spokesman, the Chief FENI. He began with the Scab Act, which they wished to have introduced in their district, accompanying the request with the desire that dipping tanks be provided by Government. It is to the credit of our people that they have taken this attitude in regard to Scab. It proves beyond a doubt that the Natives are identified with progress, and have no wish to lag behind so long as they can be satisfied respecting the utility of a measure. Mr. FAURE duly commended them for the laudable wish they thus expressed, and very wisely promised to assist in getting a dipping tank made at each Magistracy. The next complaint of the people, that their friends in the Colony were not allowed to come to live with them, was pointed out by the Native Minister to be inconsistent with another that they were crowded in the Centani district, and consequently dropped. The matter of the taxation of poor widows, for whom exemption was asked by Chief FENI, was sympathetically entertained. Mr. FAURE left the matter to the Magistrates to use their own discretion as regards cases that may be represented to them. The substitution of one travelling Chief Magistrate for the three now maintained, was submitted to the people for an expression of opinion; and no serious objection interposing itself in the way of the adoption of this course, the people left it in the hands of the Government. The present Secretary for Native Affairs appears to be determined to carry the people with him

in administering the Government. We venture to say he has grasped the secret of success in the management of the numerous tribes over whom he is placed. When the subject of the remuneration of Headmen was mentioned, Mr. FAURE was able to say that provision for this end had already been made by the past session; and in regard to the matter of the Government support of schools, Mr. FAURE kindly gave the people useful advice to combine in starting schools, and not to enter into competition with each other with the result that schools are impoverished in numbers, and the grant endangered. These, in brief, were the subjects submitted by the Ama-Ngqika; and the Secretary for Native Affairs may be complimented upon the calm, judicial manner he dealt with them all. At the subsequent meeting with Europeans he maintained the same attitude, as also at the one held on the day following at Blythwood, where an opportunity offered for meeting the Fingo section of the population; and at all these gatherings he acquitted himself well, succeeding in adding further proof that the confidence reposed by our countrymen in the present Government is not misplaced.

Notes of Current Events.

WE congratulate Mr. Richard Solomon, M.A., on his assumption of the silk, the learned gentleman having been last week gazetted Q.C.

THE Chancellorship of the University of the Cape of Good Hope, in which Sir Eangham Dale was installed on Saturday week, is the topmost post which his friends, who are legion, could wish him to occupy in connection with the educational institutions of this country; and one feeling w'l prevail throughout the country that he may long be spared to adorn the position.

SIR HENRY STOCKENSTROM, of Bedford, opened, with an address, his electoral campaign at Somerset East on Saturday evening last. From the published notice we gather that he comes as an Independent Representative for the North Eastern Circle (in conjunction with Mr. Blew man, of Colesberg,) in the Legislative Council. The decision that they should stand or fall together is a wise one, and will fairly put to the test the relative strength of the Bond and non-Bond elements in the Circle. It may be mentioned that the Bondsmen are running three candidates for the three seats.

MR. T. J. PLEWMAN of Colesberg has, says the *Advertiser* of that town, consented to stand as a candidate for election to the Upper House as one of the members for the North Eastern Circle. Hitherto nothing has been definite respecting his candidature, and he and Sir Henry Stockenström of Bedford may now be regarded as running together—as the nominees of the non-Bond section of the electors of that Circle. At Bedford requisitions were being signed to both of them; and from what one gathers from the local paper they are the favourites in that division. It is hoped a plan of campaign may be hit upon by their supporters in various districts as to the amount of support to be given to each with a view of getting them both in. The Bond are running three candidates—Messrs. F. Wiernard, D. P. van den Heeverand W. J. Michau of Cradock for the North Eastern Circle.

THE *Christian Express* (Lovedale) of the current month publishes a communication of more than ordinary interest from Sir George Grey, the illustrious statesman whose term as Governor of the Cape Colony is embodied among the records of the best things that have ever fallen to the lot of South Africa. It is addressed to Rev. Dr. Stewart; and the brief comments passed by the *Christian Express* on the letter will be generally endorsed. We have great satisfaction in appending the letter and the remarks in question—Auckland, 27th March, 1890. My Dear Sir,—I have just received a copy of "Lovedale Past and Present, 1887." and have as yet simply glanced at it, as I am much occupied to-day. The book fills me with a pleasure I can hardly describe. "Two thousand names," a roll of honour indeed, and I can only say that my heart is filled with gratitude to the missionaries, who worked out so great and noble a success, and that I earnestly pray that Heaven may still prosper the labours of those whom I regard as such true and real friends of myself and mankind in general. For the success which has crowned your labours will secure great advantages to the Christian cause in this part of the world which is so distant from you. Ever truly yours, G. GREY. There is a certain intensity and power about this letter—short as it is—that could only have come from a man at once of an unusual ability, and still taking the keenest interest in South Africa and mission work there. To say we thank Britain's greatest Colonial Governor is to speak coldly. To assure him that his few words have been, and will continue to be a real and energetic encouragement to us and a stimus to further effort, is only the barest truth. That noble life; has passed into the stage when its own activity is over, but its influence and its power for good, will continue to be active for many a year to come.



IZAZISO kwa BANTSUNDU ZEKOMKULU LASE KAPA. ZISHICILELWE NGEUNYA.

NGOLWESI NE, OCTOBER 2, 1890.

1. Pakati kwe Post Office yase Qonce ne-yase Welcome Wood inyatela kweyase Mkangiso, kabini ngeveki ukuya nokubuya ngehashe, ngeyure 5.
2. Pakati kwe Post Office yase Mdizeni neyakwa Qobcobo, kabini ngeveki ukuya nokubuya ngehashe ngeyure ezi 31, nge. nyawo ngeyure ezi 7.

KUMANDLA WASE QUMRA.

A BANGA bangahambisa umsebenzi wokutwala iposi banokubhalela ku Mantyi womandla we Qumra de kube ngo 12 emini ngo-Mgqibelo, 1 November, ukuxela amanani abangawenza ngawo lomsebenzi. 1. Ukusuka kwi ofisi ye Posi e Qumra ukuya e Lilyvale ukuya kumzi we Felkornet u Mr. Keightley, ukusuka apo ukuya e Quku, nkusuka apo ukuya e Silver, vale, ukusuka apo ukuya kumzi we Felkornet engu Snyman nokubuya. Ingxelo ngamaxesha okuhamba nenge incanzi ino, kufunyanwa kwa Mantyi. Obhalayo ukuwucela lomsebenzi makabalule abameli ababini bokuba woufuzela lomsebenzi.

L. G. RAWSTORNE,
Imantyi Kwi Ofisi ka Mantyi,
Kongha, 12 September, 1890.

f910

Umzi mawupaula ngokubhekiselele kumteto we Banki ze Post Office ohlonelweyo, oququlelweyo—
K UYAZISWA apa ukuba ukususela ku 9ih September, 1890, kude kubuye kwaziswe, inzala yemali yoba ziponti zontatu neshumi lesihlani nge kulu, ngonyaka, endaweni yeponti ezine, ezibe ziyinzala kude kube namhla.
Oku kwapulwa kwenzala kuya kutabatale ku 1st January, 1890, apo bekute kwatu. nyelwa izinqhimo, okanye kwacelwa ngapambi kolusuku lwe 9th kule iminyaka.
G. W. AITCHISON, U mpati-Posi. General Post Office, Cape Town, 9th September, 1890.

ISAZISO.

Amaxesha Abahloli be Bhula ezi Ofisini, East Griqualand.

I NCAZO yendawo, namaxesha ngenyanza Abahloli be Bhula kwi Ziqibi zeli shu-nyayelwa ukuba yazeke:—

Indawo nexesha Abahloli.
Bhula, abayakuba kwi ofisi zabo.

Ixiqibi Igama loMhlozi-Bhula. Indawo. Ixesha.

1. W. J. Smutts Kokstad Yonke Imivulo ecaweni.
2. L. E. N. Tyrrell Matatiela do.
3. R. W. Walker Umzimkulu Imivulo yokuqala no-wesitatu e-nyangeni.
4. 8. Emslie Maclear Ngolwesi Ne lwesi Bini kususela ku July 3, 1890.

W. E. STANFORD,
Imantyi Enkulu yelase Mbo. Chief Magistrate's Office, Kokstad, 22nd August, 1890.

Isaziso sika Rulumente.

K UFUNYENWE Inkunzi yehashe, umtuqwa ontsundu, omnyaka mitatu, awunazimpawu. Uya kutengiswa ngapambi kwa Matyala, ngo Mvulo, 3rd November, 1890, ukuba awubangwana kwangapambili.
A. C. REIN,
Ibamba le Mantyi.

Resident Magistrate's Office,
Mount Fletcher, 5th September, 1890.

Isaziso sika Rulumente.

K UYAZISWA ukuba ljami seyija kuhlala e Mtata ngo 17th endaweni yowe 16th October, 1890 njengoko kwakusoku. tshiwo.
H. G. ELLIOT, Imantyi Enkulu yela Batetubu.

Chief Magistrate's Office,
Umtata, 11th September, 1890.

Izicelo Zokuhanjiswa kwe Post Zamasebe zela ba Tembu.

K UYAZISWA ukuba incwadi ezitywi. niweyo sezicelo zokuhanjiswa kwe Posi zamasebe elase Batenjini, ngomnyaka we 1891, ziya kwamkelwa yi Mantyi Eyo. ngamelelo yela Batembu, ide ibe ngu Mgqibelo, 1st November ozayo, ngo 12 o'clock emini:—

1. Pakati kwe Post Office yase Dutywa neyase Ngcobo, kunyatelwa e Mgwali wase Batenjini kanye ngeveki ukuya nokubuya ngehashe, ngeyure ezili 9.

2. Pakati kwe Post Office yase Gala nase Lady Frere kabini ngeveki ukuya nokubuya, kanye nge kari, okunye ukwele chasheni ngeyure ezi 7,

C. C. CAMPBELL,
Civil Commissioner.

Civil Commissioner's Office,
Colesberg, 18th September, 1890. f91

EZASE QONCE (Kingwilliamstown.)

Ziya kwamkelwa ngu Mantyi wase Qonce kude kube ngu Mgqibelo, 15th November ozayo, ngo 12 o'clock emini.

Izicelo Zeposi Zika 1891.

EZELASE Herschel ziyakwamkelwa ngu Mantyi welo kude kube lolwesi-Bini, 11 November, 1890, ngo 12 o'clock emini ezizezi.

Pakati kwe Post Office, Herschel neyase Palmietfontein, inyatela e Bamboospruit kwa B. J. Thomas Esq., nakwi Pest Office yase Bensonvale, kanye ngeveki ukuya nokubuya ngenyawo nge yure ezi 9.

Amapepa ekubhalwa kuwo nengxelo ezelelo ingafunyanwa kwa mantyi nakumpati weposi e Herschel.

A. R. WELSH,
Civil Commissioner. Civil Commissioner's Office,
Herschel, September, 1890.

f910

EZELASE MBO (East Griqualand).
ZIYAKWAMKELWA ngu Mantyi owo, ngamelelo wase Griqualand East kude kube ngu Mgqibelo, 8 November ozayo ngo 12 o'clock emini:—

1. Pakati kwe Post Office yase Kokstad neyase Matatiela, enyatela e Strydfontein nase Cedarville Drift, kanye ngeveki, ukuya nokubuya ngeveki emahashhe mabini nge yure ezili 10.

2. Pakati kwe Post Office yase Maclear neyase Matatiela inyatela e Mount Fletcher, kanye ngeveki ukuya nokubuya ngeveki emahashhe mabini nge yure ezi 9.

Amapepa ekubhalwa kuwo nengxelo ezelelo ingafunyanwa ku Mantyi owo, ngamelelo nakumpati weposi wase Kokstad.

W. E. STANFORD,
Chief Magistrate. Chief Magistrate Office,
Kokstad, 12 September, 1890. f91

EZELASE TINARA (Uitenhage).
ZIYAKWAMKELWA ngu Mantyi, kude kube lolwesi-Ne, 30 October ozayo.

1. Pakati kwe Post Office yase Glen Connor, nomzi we Felkornet ese Adolphs Kraal, inyatela kumzi we Felkornet ence, disayo ese Lower Kromme Poort, kanye ngeveki, ukuya nokubuya ngehashe nge yure ezi 3, ngenyawo ngeyure ezi 7.

2. Pakati kwe Post Office yase Kleinpoort neyase Welgevonden, kanye ngeveki ukuya nokubuya, ngehashe iyure ezi 2, ngenyawo iyure ezi 5.

3. Pakati kwe Post Office yase Kleinpoort nomzi we Felkornet e Boxmoor, inyatela kwi Post Office yase Two Waters, kanye ngeveki ukuya nokubuya ngehashe iyure ezi 5, ngenyawo iyure ezi 8.

4. Pakati kwe Post Office yase Uitenhage neyase Melkhouboom, inyatela kweyase Aldak nase Fountain kanye ngeveki, ukuya nokubuya ngehashe ngeyure ezi 9, ngenyawo ngeyure ezi 18.

5. Pakati kwe Post Office yase Coerney neyase Enon, kanye ngeveki ukuya nokubuya, ngehashe ngeyure ezi 2, ngenyawo ngeyure ezi 4.

6. Pakati kwe Stishi sika Loliwe, e Blue Cliff ne Hillside, umzi we Felkornet, kanye ngeveki ukuya nokubuya ngehashe mhlambi ngenyawo ngeyure ezi 2.

ALEX. STEWART,
Civil Commissioner.

Civil Commissioner's Office,
Uitenhage, 9th September, 1890. f91

EZASE MA MPONDWENI.

Ziya kwamkelwa ngu Mantyi wase Port St. John's kude kube lolwesi-Hlanu, 7th November ozayo ngo 12 o'clock emini.

Pakati kwe Post Office yase Port St. John's neyase Kokstad, icanda kwezase Palmerton, Emfundisweni, neyase Fort Donald, kanye ngeveki ukuya nokubuya, ngenyawo ngeyure ezi 60 Ukusuka e Qwebeni le Mzimvubu uye e Kokstad, ngeyure ezi 55 ukubuya e Kokstad nge e Cwebeni elo.

E. J. WHINDUS, Resident Magistrate.
Resident Magistrate's Office,
Port St. John's, 12th Sept., 1890. f91

EZASE COLESBERG.

Ziya kwamkelwa ngu Mantyi wase Colesberg kude kube ngu Mgqibelo, 25th October, 1890, emini.

1. Ukusuka kwi Post Office e Colesberg uye kumzi we Felkornet e Hebron West ngeyure ezi 3, ukusuka apo uye kmzi we Felkornet e Poortje ngeyure ezi 3, ukusuka apo uye kumzi we Felkornet e Modder, fontein ngeyure ezi 2, usuke apo uye kwi Post Office yase Colesberg ngeyure ezi 4, ngehashe, kanye ngeveki ezimbini.

2. Ukusuka kwi Post Office e Colesberg uye kmzi we Felkornet T'zamer Kosmot ngeyure ezi 2i, nkusuka apo uye kmzi we Felkornet e Bufffontein ngeyure ezi 3, ukusuka apo uye kwi Post Office e Colesberg ngeyure 4, ngehashe, kanye ngeveki ezimbini.

C. C. CAMPBELL,
Civil Commissioner.

Civil Commissioner's Office,
Colesberg, 18th September, 1890. f91

EZASE QONCE (Kingwilliamstown.)

Ziya kwamkelwa ngu Mantyi wase Qonce kude kube ngu Mgqibelo, 15th November ozayo, ngo 12 o'clock emini.

AMAYEZA

ADUME KUNENE,
KA

JESSE SHAW (U-Nogqala),
E-BHOFOLO.

Enziwa ngemiti ekula apa South Africa kupela.

LAMAYEZA aya yalezwa kakulu mnnuniniwo, " ngenxa yoku ntcuclana kwawo nezo zifo enzelwa zona, ngenxa yoku kuleza uku nceda oku ngawenzakalisi umzimba; ngenxa yobu panisi bexabiso lawo; ngenxa yokucoceka ekwenziweni kwawo; ngenxa yokungabi nasikwB ayeftu; nangenxa yokuba enziwe ngemifuno engqinwayo ukuba ingamayeza.

GMPLISI WENENE (The Sure Cure).
Umcaza ongazange ungakupili ukuluma kwe nyoka, nezinye inunu.

ELONA (Specific).
Elona yeza lesifo so Xaxazo lwe gazi nezinye izisu inkatazayo.

UM-AFRIKA (Africanum).
Umcaza ongenzi xesha ukupiliza Izinyo.

UMFUNO 'YEZA (Herbal Tincture).
Elingoyiswayo zingangqambo zendlebe, neze tunzi nokubela kwenflokoyonke.

UMHLAMBI 'LISO (Eye Lotion).
Oyena mpilisi wamehlo abulalayo.

UMGEDI OHARAYO (Herbal Alkaline Aperient).
Eliqinisekileyo ukunceda ukungayi Ngasese, kungatandi kudla, icesine nento ezinjale.

UHLIKHLA (Embrocation).
Amafuta omi okupiliza ukuqamba komzimba, ukuti-Nqi kwa malungu ukuxazaka, njalo, njalo.

UMDAMBISI (Soother).
Amafuta omi okupilisa ukutsa, ukutyabuka, esinye.

UMNCWANE WESIHLAHLA
(Confection of Rhubarb).
Incindi yoku geta iziswau ezikatazayo zentsana. nezabantwana.

UMATINTELA (Antispasmodic).
Umcaza wokupilisa ukuqunjelwa nezitepu nezinye inkatazo.

UMOMELEZI WASE INDIYA
(Indian Tonic).
Iyasa elilunge kunene kwisifo sokaba butataka ukungatandi nto itiywayo.
UBUGQI Magic Healer).
Amafuta akupilisa . sinyane ukuzikwa nezilonda njalo njalo.

IGUDISA (Emollientine).
Into elunge kunene etanjiswayo ebeza bubuhle bugude ubuho.

UMGUTYANA (The Powder).
Lizeyenziswa neli kutiwa "Lelona" xa isifo zokunamba igazi senele

Izalitso zendlela yoku wazebenzisa zishicilelwe ngokuzaliskileyo zatiwa nca kwi bhontlana nezi- ofilana ngazinye, ezili zakulandela ngokufezekileyo akaze angapilisi lamayeza. Ngekungabiko caya, namdu, namhambi ungenawo lamayeza esi- rweqe zokulunkela olumgekeli.

Akandwa enziwa ngu JESSE SHAW, Igqira elisebenza ngemiziza, e Bhofo, atengiswa nguye nge bhokizi nange Bhotile nangamagoe ake kwinkoliso yedolopu zale "Koloni yonke, e Natal, e Free State, e Transvaal, nase Indiya.

AMAGOSA ALAMAYEZA—
D. Drummond & Co.
E. Ngqamulane—Mrs. Savage.
E. Monti—B. G. Lennon & Co.
E. Rini—E. Wells.
E. Dikeni—R. Stocks.
E. Komani—Mager & Marsh.
E. Bhai—R. G. Lennon & Co.
E. Ngqusha—W. A. Young, Esq.
Ikava lawo e Fort Beaufort kwa Nogqala.

ELIKA

ORSMOND IYEZA ELIKULU

LASE AFRIKA.

Yincindi yengambu zemiti yeli-
lizwe.

UMPILISIWEZILWELWE

Ezibangwa kungcola kwe Gazi, nokuba sihla bumini, ukule naso, nokuba sihle ngayipina indlela, ezinjenge Hashe, izifo ezise Lufeleni, Ukujaduka, Ukuti nqi kwe sisu, Izifo ezise Mbilini. Ubutataka Intswela butongo, Ubutataka be ngqondo, Izifo zeai Fuba, nent' eminzi yezilwelwe zama Nkazana, nialo njalo.

Kangela Encwadini abapilisiweyo nendlela eliseyenziswa zibhalwe ngesi Ngesi, Jelimeni, si Bhulu nesi Xhosa.

Emva kokuli sebenzisa ixesha elide sele. namava amaninzi umninilo, uliyaleza nge ngqiniseko eliyenza ukuba liyayi pilisa inkoliso yezifo zabantsundu base Afrika, kwanale Fiya (cesina) yase Dayimani, kona kwesi sifo sabantu abamnyama liyi nqobo. Kawulilinge please. Litshipu, ibhotile zishelani zontatu, izele liyeza elinga tata intsku ezilishumi. Ibhottle nganye inamba nencwadi ene nteto yesi Xhosa.

Lilungiaelelwa umninilo kupela ngu

G. E. COOK,
KING WILLIAM'S TOWN,
Linoku zuzwa kwinkoliso yaba gcini mayesa kuyo yonke Ikoloni.

HOWARD T. JONES,
(Obefudula ekwa Attorney R.
W. ROSE-INNES.)

UNGU MTETRI-MATYALA,
Umbhali we Mvumelwano, no
Mguquli-Magama Etaitile.

IE KOKSTAD,
EAST GRIQUALAND.

UNYAMEKO KWA BAMNYAMA.

UKUTETELA Amatyala, Imicimbi Ye-
mihlaba, Ukubhala Iminqophiso
lwenziswa ngo

HOWARD & WEBB,
Emva kwe Zitola zo BAKER, BAKES & CO.
E-QONCE.

Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucelelwa
ukuba ukangelise lamayeza
abalukhileyo.

Elika
COOK Iyeza Lesisu
Nkuzaxazo. 1/6
ibottle.

Elika
COOK Iyeza Lokukohlela (Lingamafuta).
1/6 ibottle.

Aka
COOK Amafuta Ezilouda Nokwekwe
9d. ibottle.

Elika
COOK Iyeza Lepalo. 1/6 ibottle.

Ezika
COOK I/ ngebokisana.
Eka

COOK Incindi Yezinyo.
6d. ngebottle.

COOK Umcaza Westepu Sabantwana.
6d ngebottle.

COOK Umgyutana Wamehlo. 6d
ngesiqunyana.

COOK Umcaza we Cesine. 1/6.

Niqondise ukuba igama ngu
G. E. COOK, Chemist,
E QONCE.
uba ngawenkohliso angenalo igama lake

OLUKA

Gowie Uluhlu Lwezityalo. Luka OCTOBER.

IMBEWU zentlobo zonke zinokuhlwayelwa, ngokukodwa i Tomato, i Tyukumba, Ivatala, Amatanga, Marrow, Umbona, French, Dwarf, ne Ntlumaya.

KANJAKO
INTYATYAMBO EZIBU-
TATAKA, ezinjengeZin-
nia, Portulaca, Balsam,
Cockscomb.

Kangela i Catalogue Gowie ye Ntlakohlaza.

Elona xesha lokufuna eri Zityalo zila.
landelayo:—
Coleus, Begonias, Fuchsias,
Chrysanthemums.

Kangela i Catalogue ka Gowie ye
Ntlakohlaza.

ITAPILE ZISE NOKUTYALWA.

W & O. GOWIE, GRAHAM'S TOWN.

BANTSUNDU Bantsundu! Bantsundu

NALI iculo lika " Folokoco " izingelilo Elamaqaba Umqolo we Namba, kodwa elika Folokoco yedwa

Lilo eli:—
Kuko Venkile apa e King, Kekalok' impahla yayo lkupe' ezizinye everything, Kumbulani Ivenkile leyo. Umninio utiywe ngamakosikazi, Ngapandle komtekiselo. Ngu Folokoco,— Manekazi Yizani ninqwenise iliso. Ityal' ezetu zaba Tshakazi, Ngokwenyani zihleli zodwa,— Amanene, namanekazi S'true, intengo yetu iyodwa. Ibhaty, ihempe, nemiqwa, Nebhulukwe ezisikweyo, — Zonk' impahla zamaledikazi Ngenene zezifanelekileyo.

Siti kwaba batenga kade Ninga dinwa zihlobo zetu Kude kube ngu napakade Nitenga kweya kowetu.

Ningayilibali indawo ekuye Inkumba ka FOLOKOCO ngezantsi kwe

Scotch Church,
King
Williamstown-
Apo nombona kona u PASCOE (salufu).

Printed for the Proprietor, J. TENGO- JABAVU,
by HAY BROTHERS, Smith- Street, King
Williamstown.